Isifundo 1

**Septemba 26–Okthobha 2*

Imfundo Emyezweni We-Eden

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:
Gen. 2:7–23; Gen 3:1–6; 2 Pet. 1:3–11; 2 Pet. 2:1–17; Heb. 13:7, 17, 24.

Indima Yenkumbulo:
"Yabona, uThixo uphakamise ukwenza ngamandla akhe; ngubani na umyali onjengaye?" (Yobhi 36:22).

Abafundi abaninzi beBhayibhile bayalazi ibali leGenesis 1–3 nabadlali balo: uThixo, uAdam, uEva, iingelosi, nenyoka. Ibala ngumyezo omhle kwiparadesi eyayibizwa ngokuba yi"Eden." Ukucetywa kwalo kubonakala kulandela udederhu lweziganeko. UThixo uyadala. UThixo uyalela uAdam noEva. UAdam noEva bayagxothwa e-Eden. Phofu, ukuziqwalasela izahluko zokuqala zeGenesis, ngakumbi ngeliso lemfumdo, kutyhila iimbono eziphakathi kwaba badlali, ukuma kwezinto, nebali.

"Uhlelo lwemfundo eyamiselwa ekuqalekeni komhlaba lwaluza kuba sisibonelo emntwini kulo lonke ixesha elilandelayo. Njengomzekelo wemithetho-siseko yalo, kwamiselwa umzekelo wesikolo e-Eden, ikhaya labazali bethu bokuqala. Umyezo wase-Eden wawuligumbi lokufundela, indalo iyincwadi yokufundwa, uMdali ngokwaKhe engumfundisi, bona abazali boluntu bengabafundi."—Ellen G. White, *Education,* p. 20.

UYehova wayengumseki, intloko, netitshala kwesi sikolo sokuqala. Phofu, njengoko sisazi, uAdam noEve baphela bekhetha enye ititshala baza bafunda izifundo ezingezizo. Kwenzeka ntoni, kwakutheni, iyintoni esinokuyifunda kule ngxelo yokuqala yemfundo enokusinceda namhlanje?

**Funda esi sifundo ukulungiselela iSabatha kaOkthobha 3.*

Isikolo Sokuqala

Nangona singakwazi ukuyicinga igadi iligumbi lokufundela, ivakala kakuhle, ngakumbi enjenge-Eden, ezaliswe bubutyebi bendalo kaThixo obungonakalanga. Kunzima ukuthelekelela, kule meko yethu, ukuba, aba bantu babengawanga, kwilizwe elingawanga, befundiswa ngqo nguMdali, babefunda ntoni kwelo "gumbi lokufunda."

Funda: Genesis 2:7–23. Uphawula ntoni ngokuba nenjongo kukaThixo ekudaleni, ekubekeni, nasekusebenziseni uAdam?

UThixo wenza indoda nomfazi ngokomfanekiselo waKhe wabanika ikhaya nomsebenzi omhle. Xa ucinga ngobudlelane phakathi kukatitshala nomfundi, umgangatho nguwo lo. UThixo wayezazi izakhono zika-Adam kuba wayemdalile. Wayenako ukumfundisa, esazi ukuba uAdam wayenako ukuwasebenzisa onke amandla akhe. UThixo wamnika umntu uxanduva, kodwa wayekwafuna ukuba onwabe. Mhlawumbi inxalenye yendlela zokuba onwabe yayikukumnika umsebenzi. Ngapha koko, ngubani onganelisekiyo ekunikweni umsebenzi aze awenze ngokuthembeka? UThixo wayeyazi intliziyo ka-Adam nokuba yintoni awayeya kuyifuna ukuze ikhule, waza wamnika umsebenzi wokuba akhathalele umyezo. "UYehova uThixo wamthabatha umntu, wambeka emyezweni we-Eden, ukuba awusebenze, awugcine" (Gen. 2:15). Kunzima kuthi ukucinga, sisazi nje kuphela ilizwe lesono nokufa, ukuba umsebenzi esinawo uquke izifundo ezithi, ngaphandle kwentandabuzo, uAdam wafunda esebenza egcine igadi yekhaya labo.

KuGenesis 2:19–23, uThixo udala izilwanyana, amaqabane ka-Adam, aze adale uEva abe yinkosikazi ka-Adam. UThixo wayesazi ukuba uAdam wayelidinga iqabane nomncedi olingana naye, waza wadala umfazi. UThixo wayesazi ukuba umntu wayedinga ukuba abe kulwalamano olusondeleyo kuYe, waza wadala indawo efanelekileyo kwalapho ngaphakathi emyezweni we-Eden. Konke oku kungqina ukuba uThixo wayenenjongo ekudaleni nakuthando lwaKhe loluntu. Kwakhona, kwisithuba esikhulu kakhulu phakathi kwethu ne-Eden, kunzima ukucinga ukuba kunokuba kwakunjani—nangona kuyinto emnandi ukuqashisela, akunjalo?

Nangona sikude kakhulu kwiEden, sinako ukufunda izifundo endalweni. Zeziphi ezinye zezo zifundo, saye sinokuzuza ntoni kuzo xa sizichaza ngeliso lesiBhalo?

Ukugxuphuleka

Olunye kuvuyo oluba lukhulu kwiititshala ezininzi kukuhlanganisa amagumbi okufundela: ukuxhoma iibhodi zezaziso, ukuqokelela okuza kusetyenziswa ngabafundi, ukulungisa amagumbi ngendlela eyiyeyona inqwenelekayo. Xa sikhangele kumbono kaThixo ngegumbi lokufundela elaliyiGadi yase-Eden, sibona inkathalo awayithabathayo ukulungisa indawo yokufundela uAdam noEva. Walangazelela ukuba bajikelezwe bubuhle. Siyacinga ukuba yonke intyatyambo, intaka, isilwanyana, nomthi zazinika ithuba uAdam noEva ukuba bafunde ngakumbi ngelizwe labo nangoMdali wabo. Kukho utshintsho olwenzeka ngesiquphe ukusuka kuGenesis 2 ukuya kuGenesis 3. Sikubalile konke okulungileyo athe uThixo wakudala enenjongo engcwele. Kanti ke, kuGenesis 3:1 sikwavuselwa ekuboneni umsindleko kaThixo wentando ekhululekileyo. Ubukho benyoka "enobuqhopholololo ngaphezu kwazo zonke izinto eziphilileyo zasendle" kukusuka kulwimi obelusetyenziswa ukuza kufika kule ndawo. Amazwi anje ngathi "Kulunge kunene" nathi "bengenazintloni"-nathi "ukuba mnandi" azizichazi ezisetyenziswe ukuchaza indalo kaThixo kwizahluko ezingaphambili. Ngoku, phofu, sekukho inyoka, kukho umahluko elizwini. Igama "ubuqhopholololo" liguqulwe kwezinye iinguqulelo ngokuthi "ubuqili." Ngequbuliso kubekho intetho echasileyo koko bekusoloko kugqibelele kuphela.

Kwelinye icala, iGenesis imbeka uThixo njengoyimpikiswano "nobuqhopholololo." UThixo ukucacise ngokuphandle oko akulindeleyo kwisibini esasisemyezweni. Siyazi ukuba kumyalelo kaThixo kwiGenesis 2:16, 17 wamisela umthetho wamnye osisitshixo ekwakufuneka bewuthobele, lowo ungothi bangatyi kumthi owalelweyo. Nokuba ingayintoni eyenye esinokuyifumana kweli bali, kodwa inye kuphela emi qampu: uAdam noEva babedalwe bangabantu abanenkululeko yokuziphatha, abantu ababekwazi ukukhetha phakathi kokuthobela nokungathobeli. Kungoko, kwasekuqaleni, kwakwilizwe elingawanga, sibona ukuqiniseka kwentando yomntu ekhululekileyo.

KuGenesis 3:1–6, hlolisisa izinto ezachazwa yinyoka waza uEva waziphinda emva koko. Yintoni oyiphawulayo ngolwazi inyoka eyalunika uEva? Yintoni oyiphawulayo ngendlela uEva awawuthabatha ngayo emva koko umthi wokwazi okulungileyo nokubi?

KuGenesis 2:17, uYehova wamxelela uAdam ukuba, xa athe watya emthini "uya kufa ngokuqinisekileyo, NKJV." Xa uEva, kuGenesis 3:3, ewuphinda lo myalelo, akazange awubeke ngamandla njengoko wawubekiwe, eshiya igama elithi "ngokuqinisekileyo." KuGenesis 3:4, inyoka iyalibuyisela eli gama kodwa ngendlela echasene kakhulu noko kwakuthethwe nguThixo. Kubonakala ngokungathi, nangona uEva wayefundisiwe nguThixo emyezweni, akazange akubambe ngononophelo oko wayekufundisiwe njengoko wayefanele ukwenza, njengoko sibona kwakulwimi olu walusebenzisayo.

Ukuphosa Isigidimi

Njengoko sibonile izolo, sewukho unjalo umyalelo ocacileyo kaThixo—nangolwakhe ulwimi [uEva]—wakwenzela phantsi oko wayekufundisiwe. Nangona engazange akuchaze gwenxa oko uYehova wayekuthethile kuye, ngokucacileyo akazange akuthabathe ngqongqo ngokwaneleyo. Kunzima nokuba umntu angazibaxa iziphumo zezenzo zakhe. Ngoko ke, xa uEva ehlangana nenyoka, wakuphinda (hayi ngqo) enyokeni oko uThixo wayekuthethile ngokubhekiselele emithini esemyezweni (Gen. 3:2, 3). Phofu ke, esi sigidimi sasingekho sitsha enyokeni. Inyoka yayiqhelene nomyalelo yaye, ke ngoko, ikulungele ukuwukruna, ize ngaloo ndlela ibenze ubumsulwa bukaEva bube sisisulu.

Hlolisisa uGenesis 3:4–6. Ngaphandle kokuyikhanyela ngokuphandle into ethethwe nguThixo, yintoni enye eye yayithetha inyoka, eyathi, ngokucacileyo, yamoyisa uEva? Yimithetho-siseko ethini awabambelela kuyo?

Yakuba inyoka imxelele uEva ukuba kukho indawana eyayingalunganga esigidimini, uEva wayemele ukuba uye kuThixo athethe naYe. Bulapha ubuhle bemfundo yase-Eden: ukufikelela kwabafundi kwiTitshala enkulu yabo kwakungaphaya kwayo nantoni esinokuyicinga ngoku emhlabeni. Sekunjalo, endaweni yokubaleka, endaweni yokufuna uncedo lukaThixo, uEva wamkela isigidimi senyoka. Ukwamkela kwakhe inguqulelo yenyoka kuthi uEva waba nentandabuzo noko ngoko uThixo wayebaxelele kona. Ngelo xesha linye, uAdam, yena ngokwakhe, wadukada kwimeko enzima. "UAdam waqonda ukuba iqabane lakhe laphule umyalelo kaThixo, latyeshela isithintelo ekuphela kwaso ukuba kuvavanywe ukunyaniseka kwabo nothando lwabo. Kwabakho idabi elikhulu engqondweni yakhe. Wakukhalela ukumyekela kwakhe uEva ukuba aye mgama kuye. Kwakusele kwenzekile ke oko kwenzekayo; kufuneka ahlulwe kulowo kwakuluvuyo kuye ukuba kunye naye. Angayivumela njani loo nto?"— Ellen G. White, *Amanyange Nabaprofeti,* iph. 56. Ngelishwa, nangona ekwazi okulungileyo, naye wakhetha ngendlela engeyiyo.

Cinga ngentsumantsumane ekhohlisayo apha:inyoka ithe, ukuba bathe batya emthini, baya "kufana noThixo" (Gen. 3:5, NKJV). Kanti ebengatshongo uGenesis 1:27 ukuba sele befana noThixo? Isifundisa ntoni le nto ngobulula bokukhohliswa kwethu nokuba ukholo nokuthobela kungalukhuseleko ekuphela kwalo kuthi, nokuba besinikwe eyona mfundo ichubekileyo kwezinye, njengoko kwakunjalo kuAdam noEva?

Ukuzuza Kwakhona Okwakulahlekile

Bakuba uAdam noEva bekhethe ukulandela isigidimi senyoka, phakathi kweziphumo eziliqela, bakhangelana nokugxothwa kwigumbi lokufundela likaThixo. Cinga ngoko balahlekwa kuko uAdam noEva ngenxa yesono. Xa sikuqonda ukuWa kwabo, singayiqonda ngcono injongo yemfundo kuthi kule mihla yangoku. Nangona babegxothiwe, ubomi kwihlabathi elingagqibelelanga benza ukuba kubekho injongo entsha yemfundo. Ukuba imfundo phambi kokuWa yayiyindlela kaThixo yokuqhelisa uAdam noEva kunye naYe, isimilo saKhe, ukulunga kwaKhe, nothando lwaKhe, ngoko emva kokugxothwa kwabo umsebenzi wemfundo umele ukuba ube kukunceda ukuqhelisa uluntu nezo zinto, kwakunye nokudala ngokutsha umfanekiselo kaThixo kuthi. Nangona babesusiwe ubuqu phambi kobuso bukaThixo, abantwana bakaThixo basenako ukumazi, ukulunga kwaKhe, kunye nothando lwaKhe. Ngomthandazo, inkonzo, nokufunda ilizwi laKhe, sinakho ukutsalwa sisondele kuThixo wethu njengoko babenjalo uAdam noEva e-Eden. Iindaba ezilungileyo zezokuba, ngenxa kaYesu, necebo lokuhlangulwa, akulahlekanga konke. Sinethemba losindiso nokubuyiselwa. Okuninzi kwimfundo yobuKristu kumele ukwalathisa abafundi kuYesu noko asenzele kona kunye nokubuyiselwa asinika kona.

Funda: 2 Petros 1:3–11. Ngokwako konke okwalahlekayo bakuba abantu bewushiyile umyezo, ezi ndima ziza ziyinkuthazo ethi kuninzi okunokuphinda kufunyanwe. Ubhala athini uPetros ngoko esifanele ukukwenza ukuze sibe sifuna ukubuyiselwa kumfanekiselo kaThixo ebomini bethu?

NgoYesu, sinikwe "zonke izinto ezisingise ebomini nasekuhloneleni uThixo." Isithembiso esinjalo! Kanti ke uPetros uyasidwelisela: ukholo, okuhle, ulwazi, ukuzoyisa, ukuzingisa, njalo njalo. Qaphela, ukuba ulwazi yenye yezi zinto azikhankanyayo uPetros. Le mbono phofu, ikhokelela kwingcamango yemfundo. Imfundo yenyaniso iya kukhokelela elwazini, ukwazi uKristu, ngoko kunganeli nje ukuba sifane naYe kuphela, koko sikwazi ukwabelana ngokumazi kwethu nabanye.

Thabatha umzuzwana ucinge ngenyaniso yokuba umthi owalelweyo yayingumthi "wokwazi okulungileyo nokubi." Kumele ukusixelela ntoni oku ngokuba asilulo lonke ulwazi olulungileyo? Simazi njani umahluko phakathi kolwazi olulungileyo nolungalunganga?

Abadeleli Begunya

Abanye abantu babonwa "njengabafundi ngokudalwa" emagumbini okufundela. Abadingi ukufunda [nzima] ukuze bazuze amanqaku aphezulu. Bayayifunxa imfundo. Into abayifundayo ingathi iya"ncamathela." U-2 Petros 1 nesi-2, phofu, ukwenza kucace ukuba imfundo yethu kuKristu ilithuba lamava alinganayo kwabo bazinikelayo. Amazwi akhuthazayo ka-2 Petros 1 aphikisana nesilumkiso esingumngeni esiku-2 Petros 2.

Funda: 2 Petros 2:1–17. Ngawaphi amazwi anamandla nagxekayo awathethayo apha? Kwangelo xesha linye, phakathi kwesi silumkiso sibukhali nesigxekayo, themba lini elikhulu esilinikwayo?

Qaphela ukuba uPetros ubhala indima ye-10 ngabo badelela igunya. Ukukhalima kalukhuni ngento enjalo kanye ngale mihla yethu. Thina njengebandla kufuneka sisebenze ngengqondo ethi kukho amanqanaba abekiweyo egunya (khangela Heb. 13:7, 17, 24), kwaye kuthiwa kufuneka siwalulamele siwathobele, kangangoko enyanisekile nawo eNkosini. Phofu ke, phakathi kokuthethisa kalukhuni, uPetros (kwindima 9) unika indlela yokudibanisa. Uthi, nangona uThixo enamandla okukhuphela ngaphandle bonke abo banyula inkohliso, "iyakwazi iNkosi ukubahlangula ekuhendweni abahlonela uThixo." Akunakwenzeka ukuba kuthi kanti inxalenye yemfundo yethu ebuKristwini ayaneli ukuphepha isihendo kodwa nokufunda iindlela ezininzi anokuzisebenzisa uThixo nathi azisebenzise ukusihlangula kuso [isihendo] kwanokusinceda ngokusilinda kwabo "baya kungenisa bucala amahlelo entshabalalo, uya lumkisa."? Kanti ke, njengoko ukudelela igunya kuthethiswa kakhulu, ayimele na imfundo yethu yobuKristu ukuquka ukufunda indlela elungileyo yokuqonda, ukululamela nokuthobela "abakhokeli benu" (Heb. 13:7, NKJV)? Nangona ubani engeke athi uAdam noEva balidelela igunya, ekugqibeleni bakhetha ukungalithobeli elo gunya. Eyona nto yenza ukugqitha kwabo umthetho kube kubi kakhulu yeyokuba bakwenza ngokuchasa okuphandle oko elo gunya, uThixo ngokwaKhe, lalibaxelele, nelakwenzela oko okwabo ukulungelwa kanjalo.

Gxila ngakumbi kulo mba wegunya, kungekuphela elenkonzo okanye elosapho, kodwa ebomini jikelele. Kutheni le nto kubalulekile ukulithobela igunya, konke - ukusetyenziswa kwalo ngendlela eyiyo nokulilulamela? Yiza neempendulo zakho eklasini ngeSabatha.

Ingcamango Eyongeziweyo:

"Esi sibini singcwele sasingengabo abantwana abaphantsi kokhathalelo lukaThixo, kodwa singabafundi ababefumana imfundiso kuMdali owazi konke. Babetyelelwa ziingelosi, benikwe ukuxhumana noMenzi wabo, kungekho sigqubuthelo phakathi kwabo. Babezele ngamandla abawafumana kumthi wobomi, ubuchopho babo bungaphantsi kancinane kobeengelosi. Iimfihlelo zeyunivesi ebonakalayo—"imisebenzi ebalulekileyo yoSokwazi (Yobhi 37:16) yayibanika umthombo ongatshiyo wolwazi nolonwabo. Imithetho nokusebenza kwendalo, exakekise abantu ngokufunda amawaka amathandathu eminyaka, yayandlaliwe ezingqondweni zabo nguMbumbi noMxhasi wako konke. Babe nentetho, negqabi, nentyatyambo, nomthi, beqokelela kwinto nganye ulwazi ngobomi bayo. UAdam wayeqhelene naso sonke isidalwa esiphilayo, ukusuka kwesona sikhulu esidlala emanzini kuse kwesona sinambuzane sincinane esiphapha emitheni yelanga. Wayenike igama kuso ngasinye, eqhelene nemvelo yaso kunye nendlela esiphila ngayo. Uzuko lukaThixo emazulwini, amazwe angenakubalwa kwimijikelezo yawo, "ukulinganiselwa kwamafu," iimfihlelo zokukhanya nesandi, imini nobusuku--zonke zazivulekile ukuba zifundwe ngabazali bethu bokuqala. Kwigqabi ngalinye ehlathini okanye kwilitye ngalinye ezintabeni, kwinkwenkwezi nganye ekhanyayo, emhlabeni nasemoyeni nasesibhakabhakeni, igama likaThixo lalibhaliwe. Ucwangco nokuhambelana kwendalo kwakuthetha ngobulumko namandla angenasiphelo. Ngalo lonke ixesha babefumana into enomtsalane eyayizalisa iintliziyo zabo ngothando olunzulu, nto leyo eyayisenza ukuba kuhlaziyeke umbulelo."—Ellen G. White, *Amanyange Nabaprofeti*, amaph. 50, 51.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Ukuba kwasekuqalekeni uThixo wayejonge ukuba isikolo/umsebenzi ube lithuba lokuba abantu bahlangane naYe nendalo yaKhe, ingaba sisahambisana na nenjongo yaKhe emsebenzini wethu namhlanje? Singaqhelana njani noThixo ngomsebenzi wethu (sihlawulwa, imfundo, ukuzibingelela, ukulungiselela, njl.)?

2. Xa sijonga ubuqhopholo bukaSathana eGadini yase-Eden, kulula ukuba noxinzelelo ngobethu ubuthakathaka. UAdam noEva babesazi ukuba uThixo ukufuphi, kodwa bamkela umngxengo wenyaniso yenyoka. Singenza njani thina, sikude kangaka ekwayameni ngokwenyama kuThixo, ukuze siwafumane amandla kuYe okusinceda ukuba sisoyise isihendo?

3. Xoxani ngomba wegunya nokuba kutheni kubalulekile nje ukulithobela elo gunya. Kwenzeka ntoni xa ingacaci kakuhle imigca yegunya? Lisetyenziswa gwenxa njani igunya, kufuneka sithini thina xa lisetyenziswa njalo?